Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

AGASTI 2016

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

ukuvulwa kwelayibrari

abasebenzi belayibrari yaseKleinmond

ITHALA LEENCWADI LASE-KLEINMOND ELIVUSELELWEYO LIPHAWULA ULUNTU OLUTHUNGELENEYO, OLUSEBENZAYO NOLUMANYENE NGOKWASENTLALWENI

Kulandelwa uvuselelo lwezigidi ezi-R5, iKleinmond inethala leencwadi elikwizinga eliphezulu nalapho uluntu luhlanganela ukufunda kwaye likhule. Ukongeza kukubonelela ngokufikelela kwi-intanethi mahala kwabo balindwendwelayo, elithala leencwadi liqhayisa ngezinto zezalathiso ezingaphaya kwamawaka angamashumi amabini anesihlanu, nezinoninzi lwazo zikwicandelo labantwana nakwigumbi lemisebenzi.

Igumbi lemisebenzi lithe latsala umdla kaSodolophu uNicolette Botha-Guthrie xa efunde ukuba kukho itshes njengomnye wemidlalo ephambili engadlalwa apha - nekunjongo yayo ikukufumana abantu (ngakumbi abantwana) bethabatha inxaxheba kule midlalo ibanceda ukuxonxa izipho zabo kwaye baphuhlise ubukrelekrele babo.

Itafile zetshes ezikralwe ngesandla ezinika izidima igumbi lemisebenzi ziziphumo zobambiswano phakathi kweSebe lemiCimbi yeNkcubeko nemiDlalo laseNtshona Kapa kunye neSebe leeNkonzo zoLuleko likaZwelonke.

Apha, ababafundi abafundiselwa ekhaya ababini abavela eKleinmond, uDirk noJohan Mathee, baye bakhulueka kakhulu phantsi kweliso elibukhali lomqeqeshi wetshes uAllen Badenhorst (onxibe iskipa esiluhlaza). Ababukeleyo nguDesmond Lakey, uNicolette Botha-Guthrie, uStefan Wehmeyer, umPhathiswa uAnroux Marais, uAndré Enslin nosozincwadi oyintloko uWilna Hooneberg.

Abanini bezinja baseHermanus baphelelwa ngamatyholo okusithela xa kuthethwa ngokungcola okwenziwa zizinja zabo

I-Whale Coast Conservation (WCC) iqale ilinge lokuyila nokuvelisa uthotho lweebhegi zokufaka ituwa yenja nalapho iza kulahlwa khona eHermanus kwiziila ekwimixethuka kunye neepaki zokudlala. Ngenxa yokuba nabo abanini bezinja benoxanduva lokugcina i-Overstrand icocekile, ezindawo zokulahla ituwa yenja zithetha ukuba abasayi kunika isizathu esithi "ndiyilibele ibhegi" xa kufuneke becoce ituwa yezinja zabo.

Ngokuka Anina Lee nongumPhathi eoNxibelelwano kwi-WCC, bangathanda ukufakela imigqomo eyongezekileyo malunga nale mizila ikumaxethuka kwakunye nakwezinye iidolophu zaseOvestrand, kodwa kudingeka umxhasi ukwenza oko. "Imigqomo ixabisa i-R450 kwaye ukuyifakela zindleko ezongezekileyo," utshilo, esongeza ngelokuba "inzuzo iza kusetyenziswa ekwenzeni eminye imigqomo eyongezekileyo nakukwazisa ngendalo ezingqongileyo".

Imigqomo yetuwa yezinja emihlanu yokuqala ixhaswe yi-Hermanus Ratepayers Association kwaye naye nabani na ofuna ukuxhasa angatsalela u-Anina **kwa-028 316 2527** okanye athumele i-imeyili **kwa- anina.wcc@gmail.com**.

"UKUKHATHALA" YINTO EKUTHETHWA NGAYO NAKWEYIPHI NA IKONA

- Endaweni ye-67 nje, abantu baseOverstrand banithe iingubo ezili-125 kusenzelwa usuku lukaMadiba



Kwiminyaka emibini edlulileyo, uSodolophu othabatha umhlalaphantsi uNicolette Botha-Guthrie wacela umngeni kwabadla umhlalaphantsi baseOverstrand ukuba babenegalelo le-"67" ukubonga owayesakuba ngumongameli uMandela.

Uboya babonelwa abahlali baseKidbrooke Place naseOnrus Manor kucelwa umngeni wokuhambisa iingubo ezinithiweyo ezingama-67 ngoSuku lukaMadiba (18 Julayi) nyaka nonyaka ukuze zinikezwe abo bahlwempuzekileyo eOverstrand.

Ukusukela ngoko, le projekthi ithe yaqhubeka ngeyayo indlela: Kule mihla abandwendweli kumathala eencwadi ahlukeneyo, amadoda nabafazi abathanda ukuphunga kwi-Fusion Restaurant eHermanus kwakunye nabantu abadala baseOverstrand banitha ngothakazelelo olukhulu ukuqinisekisa ukuba isininzi esimiselweyo siyafezekiswa.

Kwaye benze umsebenzi oncomekayo: Ukuthetha nje inyaniso, ngelixesha sisiya kupapasha, esi sininzi simiselweyo besele kudala sagqithwayo nge-58! yeengubo.

Ukuniqwela, i-Hooked on Tuesday Club - eyenziwa ngamanenekazi athe athabatha iinaliti zokukrosha endaweni yeenaliti zokunitha - athe aliza neengubo ezintle kunene ezimbini ezikroshiweyo neziya kuthengiswa esidlangalaleni ngeenjongo zokuliza leyo mali.

Xa ebenikwa ezo ngubo, obebonakala enemvakalelo uBotha-Guthrie ubulele wonke ubani othabathe inxaxheba kule projekthi "ngokubonakalisa uthando nenkathalo engako".

Ngokwenyani, iprojekthi yeeNgubo zikaMadiba ayinamqamla juqu kwaye abaqudqudzeleli bangathanda ukufumana amalizo ongezekileyo oboya nobuya kwenza izandla ezifuna ukunceda zabantu abadala zihlale zixakekile kwaye zibanike ithuba lokubonakalisa ukuba, njengoMadiba, bakholelwa ukuba ubulungisa yimpendulo.

Naye nabani na ofuna ukuliza ngoboya kule projekthi yeeNgubo kaMadiba okanye ofuna ukuthenga amatikiti eqashiso ama-R30 kwiingubo ezimnyama namhlophe okanye R50 kwiingubo ezinombala angatsalela uDoret kwa- 028 313 8002 okanye athumele i-imeyili ku dtaljaard@overstrand.gov.za. Ukudontswa kweqashiso kuza kwenzeka ekupheleni kuka-Agatsi.

Ukufumana isiQinisekiso soQeqesho kwiMfundo ePhakamilleyo kuNyanzeliso lomThetho wezeNdlela asiyondlalo okanye icekwa, nanjengoko isixhenxe sabafundi bokuba ngamagosa ezendlela akulo mfanekiso angakuxelela. Kwezi nyanga zili-12 zidlulileyo, bavuke ngentseni yonke imihla kuze bahambe baye kwiKholeji yezeNdlela iGene Louw eBrackenfell nalapho bebefundiswa khona unyanzeliso lomthetho wezendlela, kodwa bakwafundiswe indlela yokuphatha imipu, ukuqhuba iimoto ezithile, ukwenza incedo lokuqala kunye nokulawula imililo. Ukucaphula uRudi Fraser, iGosa eliyiNtloko kwezeNdlela eOverstrand, "ukuzinikela okubonakaliswe nguOwen Jacobs, uSlim Maki, uChristelle Fransman, uPrincess Phelewu, uJay-Cee Marais, uTrevino Williams kunye no Fronwin Marais [kumfanekiso basuka ekunxele ukuya ekunene] ibonakalisa ukuzibophelela kwabo ekukhuseleni abahlali baseOverstrand nakuluphi na ulwaphulo-mthetho".

Ingaba ufuna ukubuyisela incwadi, uhlawule umdliwo, wenze iphepha-mvume?

UNGAKWENZA OKO NAKOWUPHI NA UMGQIBELO KULE ILANDELAYO

Kumdla wokubonelela ngenkonzo engcono kuluntu, iSebe lezeNdlela (elimi kwiziTalato iShort neMussel eHermanus] kwakunye neThala leencwadi eHermanus kwixesha elizayo ziza kuvulela uluntu ngomGqibelo ngamnye kule ilandelayo.

Ukukhawulelana nani, iBullethini iza kunibonelela ngesikhumbuzi esigqityiweyo sale mihla ithala leencwadi kunye nesebe lezendlela eziza kuvula ngazo ukuqhuba ushishino ngemiGqibelo. Nceda ukhumbule ke kodwa ukuba ulwazi oluchazwe apha luxhomekeke ekubeni lungatshintsha kwaye asiyo-Bulletin ingeyo-Overstrand engafumaniseka inobuxanduva lwalo naluphi na uphazamiseko olungenzeka okanye ukungaphumeleli ukuthobela iimfuneko zomthetho.

IBHLOKO: IMIGQIBELO EKUVULIWEYO NGAYO

ISebe lezeNdlela eOverstrand: 08:30 - 12:00 • IThala leeNcwadi eHermanus : 08:30 - 11:30

13, 27 Agasti | 10 Septemba | 1, 15, 29 Okthobha

IINCWADI ZEMVUME YOKUQHUBA ZIBUBUNGQINA BOKUBA SISITSHIXO SEMPUMELELO KUBAFUNI-MSEBENZI ABANINZI ABASELULA

Kutshanje iOvestrand isebenzisana neSebe leZibonelelo leZimbiwa, uAFRIMAT neOverberg Driving School, isungule iprojekthi yokunceda abantu abatsha abangama-31 abakhangela umsebenzi bafumane iincwadi-mvume zokuqhuba.

Eli nyathelo yinxalenye yephulo lokulwa nenani eliphezulu lokungaqeshwa kwabantu abatsha eOverstrand. Liphulo lokuxhobisa ulutsha olubudala buli-18 ukuya kuma- 35 leminyaka ngolwazi olufunwa ngumntu wonke oluya kunyusa amathuba alo okuqeshwa.

Omnye wabathathe inxaxheba uthe, "Ukuba neencwadi zokuqhuba kundenze ndabalasela phakathi kwabanye abafake izicelo zomsebenzi kwaye ndicinga ukuba yenye yezinto ezibe negalelo kwisigqibo esithatyathiweyo sokundiqesha kwesi sikhundla ndikuso ngoku kwiNkundla kaMantyi."

I-OAK IZA KUSINDLEKA UMDLALI-PIYANO OMNCINANE OTHEMBISAYO KWAYE IBE NEZIYUNGUMA ZOMSITHO

Ukongeza nje inkazimlo kwintwasahlobo ebandayo, siyakuvuyela ukwazisa ukuba ophume isibini kuKhuphiswano lukaZwelonke lePiyano lwango-2015 lwaseUNISA, uWillem deBeer, uza kudlala kwiqonga leOdithoriyamu yaseHermanus kule nyanga.

uWillem deBeer

Le konsathi iza kuqala nge-15:30 ngeCawa yama-21 Agasti, kwaye iza kubona umdlali wepiyano osemncinane nothembisayo edlala imisebenzi kaBach, uBeethoven, uChopin, uMessiaen noBalakirev.

Njengesithethe, iOAK iza kuphinda isindleke iKonsathi eneSidlo ye-Overberg Eisteddfod ngoLwesithathu, wama-31 Agasti. Lo msitho uza kuqala ngqo nge-19:00 kwaye, xa sijonga ukutsala kwawo unomdla, abafuna ukuwuzimasa bayacetyiswa ukuba bafumane amatikiti kwangexesha.

Bhukisa eBELLINI kwezi nombolo 028 312 4988. Yonke imibuzo mayibhekiswe kunobhala weOAK uRené du Plooy, kwezi nombolo 028 312 1895 okanye 082 940 4238.'

IIKOMITI ZEEWADI EZINTSHA ZIZA KONYULWA

NGOKUQIKELELA IZIPHUMO ZONYULO LORHULUMENTE WENGINGQI noluya kuqhubeka ngowe-3 kuAgasti 2016, uMasipala waseOverstrand ukuzilungiselela ukonyula isizukulwana esintsha seekomiti zeewadi kuzo zonke iiwadi ezili-13.

Iwadi zeekomiti zilikhubalo lokuqinisekisa ulawulo olulungileyo: Zithethela abantu xa iziCwangciso zoPhuhliso oluHlangeneyo kunye nohlahlo-lwabiwo-mali luqulunqwa kwaye kumele ukuba ziqinisekise ukuba abemi banelizwi kwimibandela emalunga nohanjiso lweenkonzo.

Inosihlalo onguCeba weWadi, ikomiti yewadi yenziwa luthotho lwamalungu anyuliweyo (angekho ngaphezulu kwe-10) abamele iimfuno zemibutho / amacandelo kunye / okanye abahlali abakuloo mmandla. Naye nabani na okhonza kwikomiti yewadi kumele ukuba abe ngumvoti obhalisiweyo ogama lakhe livelayo kumqulu wabavoti kwaye abe uvumelekile ukuba athabathe inxaxheba kunyulo lwengingqi kulo mmandla.

IYunithi engoThabatho-nxaxheba loLuntu iqikelela ukuba unyulo lokumisela ngokutsha iikomiti zeewadi luya kuqala ngowe-15 kuAgasti kwaye luya kugqityezelwa ngowe-18 kuAgasti 2016.

Amaqela anomdla acetyiswa ukuba ajonge amaphephandaba engingqi kwaye ahlale ekhangela izaziso zikamasipala ngeenkcukacha ezithe vetshe malunga noku.

#MOREFORMADIBA

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie (owokuqala ekunxele) ubonwa enikezela ngeengubo kumanenekazi eZwelihle Youth Café, kuqukwa nabanini uFikiswa Gxamesi (owesibini ekunene) noCeba uSicelo Gxamesi (owokuqala ekunene).

Kunzima kwa ukubona ithontsi lamanzi kudlalwa ngalo eOverstrand

Njengokwandisa amakhadi amanqaku amanzi i-Green drop ne-Blue drop, iSebe laManzi noGutyulo kutshanje lipapashe ingxelo yokungaDlalwa ngaManzi nephawula ukuba oomasipala balulawula njani usetyenziso lwamanzi kwaye bakukhusela njani ukulahleka kwamanzi. Oomasipala abaninzi balahlekelwa ngamanzi acocekileyo okusela kwisixokelelwano semibhobho yohanjiso lwamanzi ngenxa yemibhobho evuzayo, iitepu ezithontsizayo kunye nokutyenziswa kwamanzi ngokungekho mthethweni.

"Amanqaku okungabikho kwamanzi athontsizayo ali-100% abeka iOverstrand encotsheni yoluhlu lwemfezekiso eMzantsi Afrika," ifundeka njalo le ngxelo, ukongeza koko "la mangaku aphawula ukuba uMasipala waseOverstrand unolwazi olugqwesileyo ngesimo sawo kwaye uneenkqubo, isistimu kunye nezicwangciso eziyimfuneko nezikhoyo zokulawula ilahleko yamanzi kunye namanzi angezi ngeniso".

Iinqobo zokulinganisa ezisetyenziselwa ukuqulunqa le ngxelo ziquka ufezekiso lwezicwangciso qhinga, ulawulo lwempahla, izakhono zobugcisa, iwonga, ukuthobela umthetho nemfezeko, imithetho, kunye nononophelo lwabasebenzisi-nkonzi. Amanqaku afunyenwe yiOverstrand abonakalisa utyalo-mali olwenziwe kwizixhobo nezakhiwo ezikwinqanaba eliphezulu kunye nomsebenzi ophambili kwaye athetha ukuba unabantu abalungileyo abakhoyo bokujongana ngqo nemibandela yolawulo nelahleko yamanzi.

UStephen Müller ongumLawuli weziXhobo neZakhiwo noCwangciso uvuyisene nabasebenzi bakhe ngele mpumelelo kwaye uthe walinganisa lenkqubo yokuwongwa ngamathontsi kuleyo yamawonga ekhwaliti yaseSABS: "Ulawulo lwamanzi lwethu ligqwesile. Khumbula ukuba iWonga leBlue drop lidinga amanqaku angama-95% kwaye isiXokelelwa soBonelelo ngaManzi saseGreater Hermanus siye saphuma phambili ngamanqaku angama-96.44% kwezo zixokelelwano zamanzi zili-122 ezivavanywe eNtshona Kapa."